Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.

5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B no C. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo. | | | |
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
| 1. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omde | 35 | 5 |
| | **OKANYE** | | |
| 2. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omfutshane | 35 | 5–7 |
| | **OKANYE** | | |
| 3. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omde | 35 | 8 |
| | **OKANYE** | | |
| 4. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omfutshane | 35 | 8–10 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo. | | | |
| 5. *Ndiyekeni* | Umbuzo omde | 35 | 11 |
| | **OKANYE** | | |
| 6. *Ndiyekeni* | Umbuzo omfutshane | 35 | 11–14 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo. | | | |
| 7. *Umhlahlo ngamehlo* | Umbuzo omde | 35 | 14 |
| | **OKANYE** | | |
| 8. *Izibhovubhovu zasebhayi* | Umbuzo omfutshane | 35 | 15–17 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo. | | | |
| 9. Iimbongi zakwantu | Umbuzo omfutshane | 17½ | 18–19 |
| | **OKANYE** | | |
| 10. Amasele phezu kodonga | Umbuzo omfutshane | 17½ | 20–21 |
| | **OKANYE** | | |
| 11. Umanyano | Umbuzo omfutshane | 17½ | 21–22 |
| | **OKANYE** | | |
| 12. Inkonjane | Umbuzo omfutshane | 17½ | 23–24 |


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ULUHLU LOKUKHANGELA

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 1–4 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 5–6 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7–8 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe | 9–12 | 2 | |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B no C. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi ukuphuhlisa umxholo webali.
(240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

### ISICATSHULWA A

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Usuke waswela ukuzinza kanye ngokwenja le evalelwe endaweni engayiqhelanga.

"Kwedini ndiyabuza. Nidibene phi nooMphongolo aba bebeye emdanisweni eNgculu?"

"Andikhange ndi ... ndi ... ndidibane nabo mfundisi."

"Ubuhamba wedwa wena ukuya khona?"

"Andikhange ndiye mdanisweni mna."

"Xa ungayanga mdanisweni ubuye phi ke?" Nkqi.

"Ngeli xesha uthi uzive uvuswa kule ndlu ingasehlathini, ubuye nini apho, ubuye kufuna ntoni khona ushiya indawo yakho yokulala?"

"Uxolo mfundisi torho, mna andazi koko ndothuke sendivuswa kusasa ndingazi ..."

"Hayi khona, musa ukuthetha amaqhinga nento engacacanga, ube usibhadulisa ubaleka inyani. Bekutheni ukuze umke ebhayaskophu ingekaphumi? Ubusiya phi?"

Kweso sithuba ubuye waginya ingwiqi uMpumelelo, walaqaza, waphefumlela phezulu **ngokomntu onovalo** noboniswe iimbono ezoyikayo. Uthe akujonga la mehlo angaka ala madoda nembonakalo kwintsobi yawo, waziva sele edanduluka: "Andazi!! ... andazi!! ... Yho!! … Nqanda umlilo!! ... Umlilo ... umama ... utata ... yho!! ... Yho ... asindim!!" Oku kukhwaza kwenze ukuba <u>iingqondo zala madoda zibethabethane</u> kuba kumava awo akazange adibane nomntwana ophambeneyo okanye oziphambanisayo ngokuthetha into engavakaliyo aze agqibele ngokukhala edanduluka ethetha into engaqondwa mntu.
Le ndodana iyiqale le nto kancinci ngokomntu osephupheni ...


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

| | | |
|---|---|---|
| 2.1.1 | Iqhubeka phi le ngxoxo? | (1) |
| 2.1.2 | Yintoni ebangela ukuba kubekho le ngxoxo? | (1) |
| 2.1.3 | UMpumelelo ephakuphaku nje kungenxa yento eyehlela abazali bakhe. Cacisa. | (2) |
| 2.1.4 | Ukukhala kukaMpumelelo kwatolikwa njani ngootitshala? | (1) |
| 2.1.5 | Chaza esinye isiganeko esiye saphakuzelisa uMpumelelo esikolweni. | (2) |
| 2.1.6 | Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba uMpumelelo wayeyile emdaniswени? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 2.1.7 | Safobe sini esi sibhalwe ngqindilili? | (1) |
| 2.1.8 | Ukuphendula ngokuthi, "Uxolo mfundisi torho, ..." kubonisa ntoni ngesimilo sikaMpumelelo? | (1) |
| 2.1.9 | Umbhali usinika umfanekiso wemeko enjani ngebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi? | (2) |
| 2.1.10 | Ngaphandle kokuceba ukuphambanisa uMpumelelo, xela amanye amayelenqe amabini awenziwe nguNozililo kuye. | (2) |
| 2.1.11 | Bonisa indlela obusetyenziswe ngayo ubuhlanga ekubangeni le venkile yakwaNtsibande. | (2) |
| 2.1.12 | Wenza ntoni uNozililo ukuxabanisa uThamsanqa noNomakhwezi? | (1) |

**ISICATSHULWA B**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> UMpumelelo uzikhethele ukuphanda abhale ngokusetyenziswa kwamayeza namachiza (drugs) ngokungekho mthethweni lulutsha lwelizwe jikelele. Naxa ebekhe eve ngalo mkhwa emaphepheni, naseklasini, kodwa uthe akuphuma iphulo enze uphando wafumanisa ukuba olu sebenziso mayeza luligqibile ilizwe kwaye luyoyikeka. Wafumanisa ukuba naxa ngaphambili le nkathazo yayisenzeka kwiinkontyo zezikrelemnqa, ezintolongweni, nakwiindawo ezimdaka apho kukho ubuxumbululu bodwa, kodwa namhlanje akusenjalo.
>
> Uthe ngokuthetha neendidi ngeendidi zabantu wafumanisa ukuba eli "qhenqa" lilukuzela phantse kumzi ngamnye, nokuba ufundisiwe nokuba akufundiswanga, nokuba utyebile nokuba ulihlwempu.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

| |
|---|
| Akanelanga kulenza apha eSkotlani kuphela olu phando koko ubhalele izihlobo zakhe eMerika ... Enyanisweni, abafundisi-ntsapho baxakene nale nto kangangokuba bayenze isigxina into yokuba kanye ngeveki banike intetho kubafundi okanye ba-odole imiboniso bhanyabhanya ebonisa ububi bokusebenzisa la mayeza angekho mthethweni, ngokungekho mthethweni ...<br><br>Ngenye imini, uthe esahamba-hamba apha eYunivesithi, wafika isiqhu sabafundi abafikayo bencokola beqhulana phofu kubonakala ukuba ababodwa. Kule ncoko yabo, uphawule ukuba ukho lo unxwalwayo. Lo mfo ogama linguFelix Zimri nobeyinzalelwane yaseBritane, ubengumfo othuleyo, nobeyinkomo edla yodwa. Ngenxa yokuba ebengazikhathalelanga iziyunguma zalapha, oontanga bakhe bamthathe njengesimoyoywana. |

2.2.1 Uphanda ngantoni uMpumelelo ezifundweni zakhe? (1)

2.2.2 Olu phando lwenziwe nguMpumelelo lubaluleke ngantoni kwimfundo yakhe? (2)

2.2.3 Igama "iqhenqa" njengoko lisetyenzisiwe kwisicatshulwa sisikweko okanye sisaci? (1)

2.2.4 Benza ntoni abafundisi-ntsapho ukuncedana nabafundi kule ngxaki yokusebenzisa amayeza ngokungekho mthethweni? (2)

2.2.5 Matanisa intetho efihlakeleyo ekuKHOLAM A nentsingiselo yayo ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kubonakala ukuba ababodwa. | A Lilolo |
| (b) Nobeyinkomo edla yodwa. | B Baphumle |
| | C Bayotyiwe |

(2)

2.2.6 Ngokwesi sicatshulwa, eli bali likweliphi inqanaba lesakhiwo? (1)

2.2.7 Ingaba uMpumelelo wawufezekisa umyolelo kayise? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.8 Ungayingqina njani? intetho ethi, "Lo mzi wakwaNtsibande udalelwe ukuba ukhonze isizwe" (2)

2.2.9 Kunini apho uYolisa wadlala indima yobuzali kuNomakhwezi? (2)

2.2.10 Ucinga ukuba kwakuza kwenzeka ntoni kwaLungile ukuba uNomakhwezi wayelamkele icebo likaLungile lokubuyela emsebenzini? (2)
**[35]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi ukuphuhlisa umxholo webali.
(240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

"Kuthe kanti ngokujika oko, iyangqisha njalo intwazana." "Ingqisha iyaphi na Joe?"

"Iphuma ngomnyango. Ndithe mandilandele, ndineenjongo zokuyinika naluphina uncedo elufunayo. Ubani ke! Imbukumbuku enjengam lo ukusindwa ngamanqatha yayingenakho ukumelana nezantya zodwenazana olunjengolo, into eyayiqhathula **ngathi ngumqalwa wehashe**. Ndathi ndiphuma yabe seyingasabonakali intomb'asemzini, sendibona kuphela imoto eseyitsala nayo ngokwayo".

"Andiyazi nento eyabangela ukuba ndime apho ndingabuyeli kwaseholweni kuba into yokubukela umntu oshiywe yintaka yakhe yayingafuni mna. Kodwa ke ndema …"

"Ndayibukela ke loo moto ibetha kuhle ukusinga ngakwesi singa singena kuso ngoku, ihamba kanye ngale ndlela sikuyo ngoku. Yema kanye kwesi sithuba, yacinywa, kushiywa ezingasemva izibane zilinengenenge elibomvu. Ethubeni, nazo zibe zacinywa".

Ndiqonde ngoko ukuba indiphulukile le nzwakazi. Naako ndinyoshoza ukubuyela kwakumboniso endandiwushiye ndisawuthanda kakade.
… Phofu ndiqale ngokuchwetha omnye wobhokili bam basemnyango ndifuna ukuqonda bucala ukuba singaba sasikho na isizathu esibangele ukuba bangalincedi elaa nenekazi. Undixelele ukuba lilo elathi maliyekwe, liza kuzifunela isihlalo–nasezihlalweni, esithandwa lilo! Ndibuzile ukuba ibingubani na kambe inenekazi elo. Omnye uphendule wathi: Andikhange ndikhathalele nokumqwalasela loo *'styuz-mi'* ungafuni kuncedwa sithi, siqeshelwe ukunceda abantu.

4.1.1 Yayiyintoni injongo yotyelelo lukaHlobo emzini kaJoe? (1)

4.1.2 Chonga igama elibonisa ukuba lo mntu uthetha apha utyebile kakhulu. (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.1.3 Ibaluleke ngantoni le ntwazana kuthethwa ngayo nguJoe noHlobo? (2)

4.1.4 Ingaba uJoe waphumelela ukulinceda eli nenekazi? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.5 Nika ubungqina obutsha uHlobo awathi wabufumana kweso singa wayesiwe kuso nguJoe. (1)

4.1.6 Xela isafobe esisetyenzisiweyo kwibinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (1)

4.1.7 Ukuba ungaligqwetha likaLinda zeziphi izinto ezimbini obunokumkhupha ngazo kwesi sityholo sokubulala uEddie noLulama? (2)

4.1.8 Sesiphi isiganeko esilandela emva kwesi sotyelelo lukaHlobo kwaJoe Bumba? (1)

4.1.9 Umba wokuthengiswa kwentsangu ube nafuthe lini ukuqhubekelisa phambili ibali? (2)

4.1.10 Ukuba nomonde kukaHlobo kuJoe lo kwaba luncedo ukuqhubela phambili uphando lwakhe njengomcuphi. Ngqina oku ngokwasebalini. (2)

4.1.11 Chaza indima edlalwe nguThembisa Ntlokonkulu ekubanjweni kukaLinda. (2)

**ISICATSHULWA B**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Uqale wajikeleza, efuna icala elinomnyango ... Uthe engekaqondi nokuba utshixiwe na, wahlatywa sisithatha esibukhali sivela ngakwicala abesiza ngalo. Naye uthe akuqwalasela, waqonda ukuba yimoto, phofu isemganyana.

Uchwechwe okwesela, gweje ngaphaya kwelo phempe, wee nca ngalo, wavelisa nje oku kwentloko esenzela ukuba ayijonge kakuhle. Ithe yakuza ngqo kuye, wanga angazichithela, umqhele wento yase "Phathaphatha" waphela nywam. Izibilini zihle akuyibona ijika seyikufuphi ephempeni. Ngelo xesha wayesicaba ukuthi nca ngaphaya kwalo. Umthandazo wakhe ibe ngowokuba kungaphumi mntu ephempeni apho.
Kwakuba mzuzu kungekho kugungquza kwanto, ...

Uwujongile loo mtyukatha we*Buick* usiya kumisa phambi kwegunjana elijongene neholo yase*Moonglow.*


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Kuphume abafo bebabini, bengamaxhakaxhaka angaqondakaliyo phantsi kwamavuxavuxa eedyasi nezankwane ezitsalwe zabugquma ubuso.
Usivile isitshixo sigwaxaza ngathi sivula umnyango wentolongo.
Zacima izibane zemoto ebezisoloko zibakhokele. Ibe ngunyaka onesiqhuma begungquza kwelo gumbi. Kwakumana kusithi danyadanya, emva kweziqabu, ilangatyana nje elingephi lomcinga, kulandele ugoqogoqo.

... Ibe ngomnye unyaka onesiqhuma, kuvalwa iingcango-ezegumbi elo bebekulo nezemoto. Kukhe kwavalelwana ngaphakathi emotweni, kucaca ukuba ikho ingxoxo ekhoyo.

4.2.1 Xela indawo awayesingise kuyo lo kaHlobo ngobu busuku. (1)

4.2.2 Yintoni injongo yokuba aqale athinte amapolisa kwesi sitishi phambi kokuba ahambe? (2)

4.2.3 Kwakutheni ukuze lo mfo wakwaHlobo acime izibane adwabaze ebumnyameni xa esiya kule ndawo uyichaze kumbuzo 4.2.1? (2)

4.2.4 Saba yintoni isiphumo sokufunyanwa kwe*tape recorder* kweli tyala lingoEddie? (2)

4.2.5 Chonga ibinzana elibonisa ukuba kwakusebusuku ngale mini. (1)

4.2.6 Ibinzana "... bengamaxhakaxhaka angaqondakaliyo phantsi kwamavuxavuxa eedyasi nezankwane ezitsalwe zabugquma ubuso ..." lisinika umfanekiso wabantu abanjani? (2)

4.2.7 Khetha impendulo echanekileyo:

Ibinzana elithi: "Ibe ngunyaka onesiqhuma," lithetha:

A Unyaka onesiqingatha
B Ixesha elide
C Ixesha elifutshane (1)

4.2.8 Le ngxoxo babeyibambe ngaphakathi emotweni aba bantu kuthethwa ngabo kwesi sicatshulwa yayingantoni? (2)

4.2.9 Khankanya izinto zibe mbini ezingekho mthethweni ezenziwa ngamadoda ase*Moonglow* abonakala ehloniphekile ngenkangeleko nangokuthetha. (2)

4.2.10 UHlobo wayeyicebile kakuhle le ndlela yokubhabhisa le migewu. Khankanya into ibe nye ebonisa oko. (1)

4.2.11 UHlobo wayevuyiswa yintoni lakumiswa ityala lokufa kukaEddie noLulama? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi ukuphuhlisa umxholo webali.
(240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

(*Kusasa ngeCawa kungena uMawonga emzini wakhe evela ethekweni. Iinduma zephezolo zazingahlanjwanga ncamnca.)*

Mawonga: Andozeli ndiphelile.
Thandiwe: Wozeliswa yintoni?
Mawonga: Sukundibuza intaphane yemibuzo, Thandie. Ikhona ikofu?
(*Athi xa ephakama folokohlo.)*
Thandiwe: Kutheni na? O! Nkosi yam? Yehl'intlekele!
Mawonga: Intlekele yantoni? Saph'ikofu Thandie.
Thandiwe: Yini kodwa le! Ndihlelwa yintoni?
(*Ebukhathazeka esenza ikofu.*)
Mawonga: Enjengantoni Thandie? Kutheni ingathi akukakhuli nje?
Thandiwe: Akuzange ube nje Joe. Ubulele phi?
Mawonga: Bendilele phi? O-o-o. Bendilele ecaleni kwendlela ndonakalelwe yimoto.
Thandiwe: Xa ubuvela phi ungakhange uthi uyahamba nje?
Mawonga: Bendiye eMtata izolo. Ndifumene abantu erenkini.
Thandiwe: Ukuba le 20 m ibithetha ngelibalisa amabali. Yile moto le ikwenze wanje?
Mawonga: Kanti ibali linye imoto ibingamanga kakuhle.
Thandiwe: Yeza njani apha?
Mawonga: Ndincedwe ngabeLungu apho endleleni.
Thandiwe: Uncedwe ngabeLungu? Unethamsanqa.
(*Watsho emnika ikofu.*)
Mawonga: Yibeke phaya ngasebhedini, ndiza kulala.
(*Urhabule kabini kathathu walala.*)
Thandiwe: Azi ukuba iya kuphelela phi na le nto!
*(Atsho emthe ntsho elusizi.)*

6.1.1 Ulwazi lokuba le ncoko iqhubeka kwaMawonga silufumana phi kwisicatshulwa? (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Xa umbhali esithi iinduma zaphezolo zazingahlanjwanga ncamnca uthetha ukuba uMawonga wafika:

A Esophisa entloko eneenduma.
B Enzakele engakwazi nokuthetha.
C Enebhabhalaza yokunxila kwayizolo. (1)

6.1.3 Le ncoko iqhubeka kweliphi inqanaba lesakhiwo salo mdlalo? (1)

6.1.4 Injongo kaMaziko yokumpimpa uNdila kuMawonga yayiyintoni? (2)

6.1.5 UThandiwe ubonakala enonxunguphalo ngesimo sikaMawonga. Chonga la mazwi abonisa unxunguphalo. (1)

6.1.6 Sesiphi isenzo esenziwa nguMawonga ukubonakalisa ukuba akanamandla? (1)

6.1.7 Ukuba uMawonga noThandiwe ibingabazali bakho ubungaziva njani? (1)

6.1.8 Bobuphi ubunzima ajongene nabo uThandiwe ngale mini? (1)

6.1.9 UMadala uyabandakanyeka ekuphelelweni ngumsebenzi nokunxila kukaMawonga. Ungathi uMadala ngumntu onjani njengenkokheli? (2)

6.1.10 UThandiwe yinkosikazi enjani emzini wakhe? (1)

6.1.11 Ubomi bukaMawonga batshintsha njani emva kokuba ephelelwe ngumsebenzi? (1)

6.1.12 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uMawonga ebese abantu eMtata? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

6.1.13 Saba yintoni isiphelo sikaMawonga? (1)

6.1.14 UNomasoka kunye noRay ibaphethe njani imeko yokunxila kukaMawonga? (1)

6.1.15 Bonisa ukuchaneka kwegama, "ibali" kwimpendulo kaMawonga ethi:

"Kanti ibali linye imoto ibingamanga kakuhle." (2)

6.1.16 Ingaba uMawonga wayeyifuna nyhani ikofu? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

6.1.17 Kutheni ooFuneka besebenzise uJerry xa befuna ukungenisa uMawonga emgibeni wotywala? (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6.1.18 Yintoni eyenzeka kuMawonga ebangela ukuba uThandiwe athi, 'azi iya kuphelela phi na le nto? (1)

6.1.19 Amazwi kaMawonga awabhekisa kuNdila athi, "Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini," azaliseke njani? (2)

**ISICATSHULWA B**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| | *(Zaqhuba iindibano zempelaveki kwaFuneka. UMawonga akasanunuswa ngotywala ngoku, ububiza ngokwakhe. Akasathengelwa ngoku ubetha kuye esipajini. Ngale mini simbona encokola noZanele kwaFuneka.)* |
| Zanele: | Kunjani ngeti papa? O! Ngendikwenzela ubonanje, siyawa asinaswekile apha. Inyanga xa ithambekile ngolu hlobo sima kakubi. |
| Mawonga: | Kutheni sweetie? Akunawo nomncono lo? |
| Zanele: | Kaloku papa imali kuthi ayivumani nesipaji. (*Atsho emnyusa isilevu amange.)* |
| Mawonga: | Ina sweetie, thuma umntwana (*Amnike imali.*) |
| Zanele: | Tshotsh'ubekho papa. (*Amange okwesibini, aphume esiya kuthuma umntwana, abuye angene.*) Bekunjani ngoMgqibelo papa? |
| Mawonga: | Arha, sana, ndive into embi wakungabikho. Bendililolo nje. |
| Zanele: | Ungazidubi wena, kule veki ndiza kubakho ndahlukene nokuphangela ebusuku. |
| Mawonga: | Besendingxamele ukubhekabheka. |
| Zanele: | Tyhini ntombi! Kodwa akubuyanga walama? |
| Mawonga: | Andikahlangani nesikhukula okwesibini. |
| Zanele: | Ndazi phi na wethu njengokuba nje kwezi pati ninyiba izinto zabantu. |
| Mawonga: | Kutheni na namhlanje akuzithembanga? |
| Zanele: | Ukungazithembi yenye into, ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamantshontsho. |
| Mawonga: | Amehlo am akagqobhozi kuwe Zan. Kuya kuba njalo de kufiwe. |
| Zanele: | Ligwiba lawo onke amadoda elo. Makhe ndiye kwenza iti. |

6.2.1 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo:

Umbuzo othi, "Kunjani ngeti papa"? injongo yawo …

A kukubonisa uMawonga ukuba uyamthanda.
B kukufuna ukumenzela iti.
C kukufuna ukuthengelwa iswekile nguMawonga. (1)

6.2.2 Nika iingxaki ezimbini okumfake kuzo uMawonga ukuzama ukukholisa abahlobo bakhe? (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6.2.3 Bekutheni ukuze uMawonga abe lilolo ngoMgqibelo? (1)

6.2.4 Uthetha ukuthini uMawonga xa esithi, "Besendingxamele ukubhekabheka?" (2)

6.2.5 Akuzibona ingxaki akuyo uMawonga ekugqibeleni, uthathe isigqibo sokuyisombulula njani le meko? (1)

6.2.6 Nika intsingiselo yentetho ethi, "... ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamantshontsho ngokwalapha kwisicatshulwa." (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

***UMHLAHLO NGAMEHLO* – LL Ngewu**

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kweli bali ukuphuhlisa umxholo webali.
(240 amagama). **[35]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA A**

8.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Kwalile ngeny'imini ezi zikrelemnqa zigqiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhazolo, kanti azivumisanga ukuba umninimzi ubesel'ezincamile ethe maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala. Ziwushiyile umnyango ebezingene ngawo zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni, zixhakazela zizinto zeli khaya. Zanele nje ukusondela kwelo sango beziza kuphuma kulo, umfo kaMaqhazolo wakhulula irhuluwa kwahlokoma iDike yonke. Ulibethe lavuthuluka iqatha lesikrelemnqa langathi ngamagqabi omthi ubethwe ngamatye esichotho.
>
> Ezinye izikrelemnqa zithe zakuqonda ukuba izinto zonakele zaphel'emehlweni, zingacelanga nendlela njengesiqhelo. Zilahle kwanto zisindisa nje ubomi bazo. Zisishiye esinye isikrelemnqa sixabe endleleni sidliwa ziintlungu zembumbulu eshiye nje ulwamvila yagqitha.
>
> Amadoda angabamelwana athi akuva liduduma izulu lezandla, nakuba lizolile nje, azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifihla phi na. Wambi azincama, akroba kancinci ngezikroba zezitshixo zeengcango zemizi yazo izibilini ziphezulu. Umfazi uqhube indoda yakhe esithi, *"Yini yise kaNobani uyindoda yokwenzani xa siza kufel'endlwini ukho,"* iphendule indoda ngelithi, *"Ngubani lo owakuxokisayo wathi ndiyindoda yezibham? Mna ndifundile nje andisosidenge, ngoko ke andinakuya ekufeni ndikubona".*

8.1.1 Lithetha ukuthini eli binzana "... zihamba ngokukhululekileyo ..."? (1)

8.1.2 Kwenzeka ntoni ukuze eli tyala lezi zikrelemnqa liphelele esithubeni? (1)

8.1.3 UMaqhazolo wayengenanjongo yokusibulala esa sikrelemnqa wasidubulayo. Ngqina oku. (2)

8.1.4 Ungathi uMaqhazolo lo ungumntu onjani? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)

8.1.5 Luvo luni oluziswa ngumbhali ngobomi bobukremlenqa xa ezinye izikrelemnqa ziphela emehlweni zishiye esinye silimele? (2)

8.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

"... zingacelanga nendlela njengesiqhelo," kusetyenziswe (isikweko/impoxo). (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.1.7 Ngowuphi umoya oziswa ngala mazwi angezantsi apha kweli bali?

"... azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifihla phi na. ... akroba kancinci ngezikroba zezitshixo zeengcango zemizi yazo izibilini ziphezulu." (1)

8.1.8 Matanisa isiganeko esikuKHOLAM A nenqanaba esenzeke kulo ebalini elikuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ukudutyulwa kwesikrelemnqa ngumfo kaMaqhazolo. | A Isiphelo |
| (b) Ukoxuthwa ngolunya kwamadoda izinto zawo azisebenzele nzima. | B Ukuyondelelana/ukujiya kwezinto |
| | C Uvuthondaba |

(2)

8.1.9 Mfundiso ni efumaneka kweli balana? (2)

8.1.10 Kutheni umbhali ezinike eli gama, "izibhovubhovu" ezi zikrelemnqa? (2)

8.1.11 Ingaba isiphelo seli balana usibona sifanelekile? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)

**ISICATSHULWA B**

8.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Amadoda aseDikeni amyeke umfo waseBhayi ngokurhoxozela esaxhathise nje ngomxhelo omde. UKhwalo obekhalise ukhwelo wahlab' umkhosi uphinde wahlab' umkhosi, ebikela inqwelo yezigulana ukuba konakele. Isibhedlele saseDikeni asilibazisanga sakubizwa, koko sikhuphe umfo ofike esisiphekepheke ekhatshwe ngabongikazi abakhutshwe ngokwaziwa. Aba bongikazi abayithathanga le ngxwelerha koko bayiwolile ngobunono oku kwehlwempu liwola iswekile echithakeleyo. Baqokelele nezo zihlunu besezahlukene nenxalenye yomzimba.

Umfo kaMaqhazolo obeqhakamshelene nesibhedlele ukhe wabuza ukuba abongikazi abanamdla na wokwazi ukuba bekuqalele enini ukuze kube nje. Kuphendule iqhaji lomongikazi ebelithe qhiwu ezo zihlunu beziqokelelwe phantsi lathi, *"Sinomdla kakhulu ukwazi ukuba bekutheni, kodwa asiyondima yethu leyo."* Inqwelo yezigulana iwashiye amadoda aseDikeni emangalisekile ukuba umntu lo yinto ekhe iwolwe xa kunyembelekile. Achithakele ke nawo akuqonda ukuba owawo umsebenzi awuqabelisile, aza awugqithisela koogqirha ebebeza kuzama ukuthi xhwii esi sikrelemnqa ebesesikrotyiswe ngokungakrokrisiyo kwingcwaba lalo. Isigebenga sihleli iiveki ezintathu esibhedlele saseDikeni sifumana uhoyo olungangxengwanga. Ziphele ezi veki kungabonakali kuchacha. Umfi lo ubencediswa bubuxhakaxhaka ekuphefumleni, kanti bebukho nobunye ubuxhakaxhaka ...


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.2.1 Ngubani lo mfo waseBhayi kuthethwa ngaye? (1)

8.2.2 Kwakutheni ukuze lo mfo waseBhayi abethwe de arhoxozele ngamadoda aseDikeni? (1)

8.2.3 Igama, 'ingxwelerha', libonisa ukuba lo mfo waseBhayi wayekwimo.

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Yokunxila kakhulu.
B Yokuthetha kakhulu.
C Yokonzakala kakhulu. (1)

8.2.4 Chonga isivakalisi esithetha ukuba kwakudityaniswa iinyama zalo mfo ezazixobuke zesuka emzimbeni. (1)

8.2.5 Izibhovubhovu zaseBhayi zazifika zithathe ntoni emzini xa zingayifumananga imali? (1)

8.2.6 Yintoni eyenza ukuba ukulila komama walo mfo kube sisigqebelo? (2)

8.2.7 Lo mfo kuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa ukubonakalisa njani ukuguquka apha ebalini? (2)

8.2.8 Umbhali ubaveze njengabantu abanjani abakwantsasana kweli bali? (2)

8.2.9 Ingaba sasilungile isigqibo samadoda aseDikeni sokuyeka iinto zawo zithathwe ngolunya zizikrelemnqa angazilweli? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)

8.2.10 Kutheni umbhali enze ukuba ezi zikrelemnqa zibe zezaseBhayi? (1)

8.2.11 Yintoni eyenze ukuba amadoda aseDikeni abe ngamaxhoba ezibhovubhovu? (1)

8.2.12 Ukutshintsha kwemo-ntlalo yaseDikeni ngenxa yezibhovubhovu, kusithobe njani isidima samadoda aseDikeni? (2)
**[35]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO D: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Iimbongi zakwaNtu – LT Manyase**

Awu! Midak' akowethu ndiboleken' indod' ibenye.
Ndiboleken' indod' ibe ny' enelizw' eliphakamileyo,
Indod' enomoya enelizwi eliqaqambileyo.
Indod' engakhethe bala lamntu, enentliziyo enye.
Ikh' isibekel' amabala ngeembongi zakwaNtu,
Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu.

Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.
Indod' etheth' into eyivileyo esuka embilinini.
Ingabi yinteth' ekhaphu-khaphu engenaxabiso.
Ibe yinto enokuvakala esuka entliziyweni.
Ngxatsho ke! Akungethethi nto ngeembongi zakwaXhosa.
Woba yinto ebhibhidlayo engakwazi kuxoxa.

Yizani nendoda enelizwi elibetha neleembongi,
Kub' indod' engenamoya yothetha kant' iyanyelisa.
Zon' iimbongi zakwaXhosa zifun' indoda eyingqondi,
Kuba zatheth' umnt' esemny' elizweni isizwe saneliswa.
Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni.
Zawukhaphela umkhosi zawukhupha esangweni.

Zabong' emthonyameni komkhulu iinkosi zalila
Zazisikelela zazizinzisa ezihlalweni zazo.
Zawuthutha-thuth' umkhosi izinja zakomkhulu zakhwina
Aqin' amadolo kumagwala athath' imikhonto yawo.
Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
Ath' ebehlininika, kwajika kwakokoncumo.
Ndiziselen' indod' ibe nye enehlombe kwanomoya.
Yiy' engafanel' ukum' enkundleni ityakatye ngeembongi,
**Ibek' amabala nezibakala ibabaze, zokholwa.**
Ukuze ingatheth' izint' ezingayi mxhelweni kwiimbongi,
Kuba ziintw' ezikwaz' ukuphixanisa nokufunza.
Kuba ziintw' ezinokuxolelanisa nokukhunga.
Azi nithi bantu bani n' aba soloko bakhamisa,
Bedumis' imisebenzi emihle yezandla zikaThixo.
Beneliso elibukhali, besoloko bafanisa.
Bechub' iindaba bentyiloza, besikhumbuza ngamasiko.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

9.1 Kumqolo wokuqala chonga igama elibonakalisa ukuba esi sisibongo somthonyama. (1)

9.2 Ziziphi iimpawu ezimbini zendoda efunwa yimbongi kwisitanza soku-1? (2)

9.3 Xela into ibe nye ancedwe ngayo amagwala ziimbongi zakwaNtu. (1)

9.4 Nika isithethantonye sesifanekisozwi esinomgca ngaphantsi.

Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu (1)

9.5 Ingaba indoda 'ethetha inyaniso' efunwa yimbongi ngokwalo mbongo isekho? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.6 Nguwuphi umyalezo odluliswa ngala mabinzana kulo mbongo?

"Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni."
"Zawukhaphela umkhosi zawukhupha esangweni." (1)

9.7 Safobe sini esisetyenziswe kula mabinzana?

"Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
Ath' ebehlininika, kwajika kwakokoncumo." (1)

9.8 Ibhekisa koobani imbongi ngamazwi athi, 'izinja zakomkhulu'? (1)

9.9 Chonga imisebenzi emithathu yembongi ngokwesitanza sesi-4. (1½)

9.10 Siphene sini esibonwa yile mbongi kwiimbongi ngokwesitanza sesi-4? (2)

9.11 Bonisa uphindaphindo olukumqolo wama-27 ngokulukrwelela umgca ngaphantsi. (1)

9.12 Yintoni onokungqina ngayo ukuba imbongi le inabo ubuKrestu? (2)

9.13 Caphula amazwi embongi kwisitanza sesi-4 athetha ukuba iimbongi ezi ziyakuthanda ukuthetha. (1)
**[17½]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Amasele phezu kodonga – MM Duka, M Sondlo**

Ewe, phezu kodonga lomlambo,
Bee dwadalala abomlambo.
Uphume ngendlu umzi kaSele,
Kwenziwa njalo xa konakele,
Kuboniswane ngezidla usapho.

Ladum'ibandla kwahlokom'iindonga,
Kukhahlelw'inkonyana yohlanga,
Imbishimbishi enokukratsha,
Eyathetha ngeenyoka yampatsha,
Isith'iinyoka zibhejel'amasele
..........................................

Vumbululu Xoxwazan'uNkonde,
Wathetha ephezu kwesikhondo:
"Asikagqibi minyakana simanyiwe.
Uyise kaYoli ugwintiwe.
Ngamatatasholo amadoda akwaSele."
Avunuka amadoda aguguma.
Endumzela kwandila ugwaluma.
Kwalamla Ndun'enkulu uNdubule:
"Madoda inyaniso iyahlaba.
Masifunzeni saphela kulo mhlaba."
**Vu** phantsi iNduna kad'ibilinga.
Yancin'amehlo yang'iyacinga.
Kwee thu mrhutyululu werhamba,
Kwaqala mcebi-cebo ukusaba.
Yee zulumbele loo ndimbane.

10.1 Ucinga ukuba kwakutheni le ntlanganiso yakwaSele ize ibanjelwe phezu kodonga lomlambo? (1)

10.2 Iindidi ezimbini zamasele ezazikule ntlanganiso yi ... ne ... (2)

10.3 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi:

"Uphume ngendlu umzi kaSele". (1)

10.4 Kucaca ukuba le "nkonyana yohlanga" ikhahlelwayo liliphi isele? (1)

10.5 Xela izinto ezintathu azenza ngokufana nabantu la masele kwizitanza ezibini zokuqala zalo mbongo? (3)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

10.6 Chaza indlela imbongi ezakhe ngokufanayo ngayo izitanza ezibini zokuqala. (2)

10.7 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo.

Umfanekiso ntelekelelo oziswa sisifanekisozwi, "vumbululu" ngo-…

A wendlebe.
B weliso.
C wesikhumba. (1)

10.8 La magama, "avunuka, aguguma" athetha ukuba ayekweyiphi imo amasele? (1)

10.9 Ucinga ukuba amazwi kaXoxwazana akwimiqolo yama-13–15 ngamazwi akhuthazayo? Xhasa impendulo yakho. (1½)

10.10 Kumqolo we-20 nowe-24 imbongi ibonakalisa ubugwala ngesafobe. Sixele uze uchaze ukuba siwudlulisa njani loo myalezo. (2)

10.11 Sisetyenziselwe ukubonisa ntoni isifanekisozwi ezibhalwe ngqindilili kumbongo? (2)
**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Umanyano – ZS Qangule**

Ubuhlobo <u>babo</u> yindima yobobo,
Ubuhle <u>babo</u> ngamagqabi ehlobo.
Zimvo <u>zabo</u> bubunzulu bolwandle,
Qilimba lwazo ntsimbi yesinyithi.
Izivondoviya zemihla zenza ingxolo,
Zigxutsha kutsho kube bubutyobo.
Bona basala beme nje ngezikhondo,
Kaloku ezantsi iingcambu zibambene.
Zavela ziphefumlelana ngamoya m**nye,**
Kuba zingqubeka matyeni ma**nye**,
Ningalibali zintshula mbewini i**nye,**
Kwasekuqaleni zihamba ndlela i**nye,**
Bathi igazi liyajiya kunamanzi,
Kanti iingcambu ziyakufunxa okumanzi.

11.1 Gqibezela esi isivakalisi ngokufakela amagama akwibhokisana kwindawo efanelekileyo.

| |
|---|
| mbongo nkcazo; eli-14; ingxaki; sibhozo; sonethi; emithandathu; isiphumo |

Lo mbongo uyi (11.1.1) ... kuba unemiqolo (11.1.2) ... kwaye imiqolo e (11.1.3) ... yokuqala ibizwa ngokuba yi-okthevi. (1½)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

11.2 Nika intsingiselo eziswa ligama "yobobo" kumqolo woku-1. (1)

11.3 Uphindaphindo olukwizandi zokuqala kwimiqolo woku-1 nowesi-2 lubizwa ngokuba (11.3.1) ... luze olukumagama okugqibela kwakule miqolo lubizwe ngokuba (11.3.2) ... (2)

11.4 Isafobe esisetyenziswe kumqolo we-7 siphuhlisa ntoni? (2)

11.5 Isetyenziselwe ntoni imvano-siphelo ephawulwe ngqindilili kule kwatreni? (2)

11.6 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi:

"Izimvo zabo ziluqilimba njengesinyithi?" (1)

11.7 Khetha impendulo echanekileyo ibe nye.

Xa kusithiwa, "izimvo zabo bubunzulu bolwandle" kuthethwa ukuba:

A Izimvo ziyangqinelana.
B Izimvo zabo zicingisisiwe.
C Izimvo zabo bazenza ngaselwandle. (1)

11.8 Ithetha ngantoni imbongi ngegama "izivondoviya"? (1)

11.9 Imbongi ithi kunasiphi isiphumo ukungqubeka matyeni manye? (1)

11.10 Nika intsingiselo yomqolo we-13 othi, "... igazi liyajiya kunamanzi" ngokwalo mxholo? (1)

11.11 Yiyiphi imfundiso efumaneka kulo mbongo? (2)

11.12 Umbhali ubhekisa koobani ngamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)

11.13 Sidaleke njani isingqisho kulo mbongo? (1)
**[17½]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Inkonjane – VV Sigonya**

1 Ndayibon' indand' ipheph' okwengelosi.
2 Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
3 Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
4 Ngumoy' ongephi zityhil' ubumbeje-mbeje.

5 Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
6 Ndafihl' izikhwazo ndisoyik' uluntu.
7 Yandimemez' ibik' udaba.
8 Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.

9 Wavakal' umoya wentumekelelo.
10 Zagungq' iingcango zentliziyo.
11 Lwabeth' uvalo lundityel' uba yeyam.
12 Umoya wembala nawo wandingqinela.

13 Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
14 Ndafik' iyimfezek' ingqibelelo.
15 Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo.
16 Yabuthabatha bonk' ubume bam.

17 Ndalama ndakondela eso sihlwithi.
18 Ndadandatheka ndakubon'eso sifuba.
19 Ndaubon'umandlalo **wenzala yam** umtyinga-tyingana.
20 Isisila sona sixhentsa mva.

21 Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
22 Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
23 Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen' oluntu.
24 Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
25 Ngomphefumlo ndingaboni mntu.

26 Manqina mani na la andicaf' umphefumlo?
27 Nzipho zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
28 Ncumo luni na olu lukuwe ntakandini?
29 Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?

30 Ntakandini yezulu;
31 Ngeba wena uyinzulu;
32 Ngoba wena unyulu.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

12.1 Gqibezela esi isivakalisi ngokufakela amagama akwibhokisana kwindawo efanelekileyo.

| mpiko; nkonjane; tyhilwa; moyana; nto |
|---|

Kwisitanza soku-1 imbongi ikhumbula umfanekiso we (12.1.1) ... ebhabhayo ethe yaku (12.1.2) ... iimpiko zayo ngu (12.1.3) ... kwavela obona buhle bayo. (1½)

12.2 Kwisitanza soku-1 imbongi isebenzise liphi igama ukubonisa ukuba inkonjane lichule lokubhabha? (1)

12.3 "Lwabeth'uvalo lunditye l'uba yeyam."

Bhala isithethantonye segama elinomgca ngaphantsi. (1)

12.4 Matanisa isafobe kunye nomqolo.

| KHOLAM A | | KHOLAM B |
|---|---|---|
| 12.4.1 | Ndayibon'indanda ipheph' okwengelosi. | A Isimntwiso |
| | | B Isifaniso |
| 12.4.2 | Ncumo luni na olu lukuwe ntakandini? | C Isihlonipho |

(2)

12.5 Ifana njani intsingiselo yomqolo wesi-5 neyomqolo wama-22? (2)

12.6 Kwisitanza sesi-5 yintoni ebangela ukuba imbongi isebenzise ibinzana, "wenzala yam" xa ithetha ngenkonjane? (2)

12.7 Emva kokufundisisa wonke umbongo, nika naziphi na iimpawu ezimbini zenkonjane? (2)

12.8 Xa kusithiwa yimfezek'ingqibelelo kwisitanza sesi-4 kuthethwa ukuthiwani? (1)

12.9 Xhasa ngobungqina obukulo mbongo ukuba imbongi nayo ikholelwa ukuba inkonjane inobungcwele. (2)

12.10 Injani imo yembongi kulo mbongo uwonke? (1)

12.11 Chaza injongo yokuphindaphindwa kombuzo buciko kwisitanza sesi-6? (2)
**[17½]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**


Downloaded from eduresourceza.com